



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOHL.3

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

FEBRUWARI/MATSHI 2010

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

MORNING SESSION



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngesiXhosa esisulungekileyo.

4. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise uze uwuhlele umsebenzi wakho.

5. Isicwangciso soyilo MASIKHOKELE umsebenzi wakho.

6. Isicwangciso sakho masibhalwe ngokucacileyo.

7. Icandelo ngalinye labele ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A:	imizuzu engama-80
ICANDELO B:	imizuzu engama-40
ICANDELO C:	imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo ngendlela ekwenziwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Bhala isihloko esifanelekileyo kumbuzo ngamnye.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

11. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.

UBUDE BEEMPENDULO

ICANDELO A:	Izincoko	340 – 390 amagama
ICANDELO B:	Imihlathana emide	100 – 120 (umxholo kuphela)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	80 – 100 (umxholo kuphela)



ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.

UMBUZO 1

- 1.1 Bhala isincoko esithi, "Bendiba nditya ukutya kanti ndiyazibulala". Ncoma ugxeke ukulunga nokungalungi kokutya. [50]

OKANYE


- 1.2 Yatsha yaluthuthu indlu abantu belele. Wena waba nethamsanqa wasinda. Iziva ezisemzimbeni wakho zibonisa ukuba wawusedabini ulwela ukufa nokuphila. Balisa kuvokotheke. [50]

OKANYE

- 1.3 Imithi idlala indima enkulu kwintlalo yethu. Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Ukubaluleka kwemithi." [50]

OKANYE

- 1.4



Ungumfundi webanga le-12. Balisa ngamahla ndinyuka odibene nawo ekufundeni kwakho ukuza kuthi ga kweli banga ukulo. [50]

OKANYE

- 1.5 Ulwimi lwesiXhosa luyalahleka ngenxa yefuthe laseNtshona. Yintoni enokwenziwa ukuluphucula ezikolweni. Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Xa ndinokuba ngumfundisi-ntsapho wesiXhosa." [50]

OKANYE

- 1.6 Utywala ngumtshabalalisi wekamva lolutsha nombulala-zwe. Xoxa ubonise ubungozi botywala eluntwini jikelele.

[50]

OKANYE


- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo wakugqiba ubhale isincoko. Nika isihloko esifanelekileyo.



[50]

OKANYE

- 1.8 Emva kokuqwalasela umfanekiso olandelayo, bhala isincoko usinike isihloko esifanelekileyo.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala i-100 – 120 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 2**2.1 INQAKU LEENDABA**

Bhala inqaku leendaba eliza kupapashwa kwiphepha-ndaba lengingqi ohlala kuyo, uncoma indlela abantu abathe baziphatha ngayo ngeeholide zeKrisimesi nentsebenziswano ebekho phakathi kwamapolisa nabahlali ukulwa ubugebenga.

[30]**OKANYE****2.2 INCOKO YABABINI**

lingqondo ziyabetha-bethana ngomcimbi welobola. Ninomhlobo wakho aniboni ngasonye ngalo mcimbi. Bhala ngencoko yenu ngalo mbandela.

[30]**OKANYE****2.3 I-AJENDA NEMIZUZU**

Ekuhlaleni unyulwe waba ngunobhala wequmrhu lokulwa ubundlobongela. Bhala i-ajenda yentlanganiso eniyibizileyo, uyidwelise ngokucacileyo imicimbi emithathu eza kuxoxwa kule ntlanganiso; uyilandelise ngemizuzu ezigqibo zicacileyo.

[30]**OKANYE****2.4 ILETA YOBUHLOBO**

Umhlobo wakho osenyongweni uwongwe ngembasa ngokuzibalula kwezemidlalo kwisikolo afunda kuso. Bhala ileta yobuhlobo uvuyisane naye.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 3**3.1 IPOWUSTA**

Njengoko sisiya kunyulo jikelele looRhulumente basemakhaya, abantu bamanxada-nxada begaya iivoti zamaqela abo ngandlela zonke. Yila ipowusta yeqela lakho ngobuchule obuya kwenza uninzi lulivotele.

[20]**OKANYE****3.2 UMYALELO WERESIPHI**

Udade wenu uza kungenela ukhuphiswano lokupheka ukutya kwesiNtu. Bhala umyalelo udwelise zonke izithako aza kuzisebenzisa ekuphekeni, umyalele nendlela ekufuneka azipheke ngayo.

[20]**OKANYE****3.3 ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Ufumene umsebenzi wesingxungxo kumzi-mveliso othengisa iimveliso zeenwele. Bhala isibhengezo-ntengiso uqaqambise izinto eziya kuba nomtsalane ebantwini.

[20]**AMANQAKU ECANDELO C: 20****AMANQAKU EWONKE: 100**